



It starts with a story...

Books and babies

From birth to the age of three, children learn an enormous amount of language – even if they do not talk a lot! So, the more stories and books you read to them, the more language they learn.

There is no right or wrong way to use books with babies and toddlers. It's more about enjoying the time you spend together and following their lead in deciding what to try next.

- Babies and toddlers love play. Have lots of light-hearted times with books, and read books that are your child's favourites again and again!
- Although you can read anywhere, it's best to relax and sit comfortably with your child on your lap, or next to you, when you share books.
- It doesn't matter for how long you read – and you don't have to finish the book! Share a book together for as short or as long as you both want.
- Make time for babies and toddlers to look at books on their own. Board books have rounded corners so that they cannot hurt your child and they are specially made to be chewed, patted and dropped!

- Talking to your children about the pictures, concepts and what is happening in the book is as important as reading the words on the page. Ask them what they think, and say what you think too – this guides them in how to explore books.
- Listen carefully to what your child says and respond to it. This makes the experience more interesting for both of you. It also helps grow your child's language, confidence and self-esteem.
- Offer your children a choice of books and then be guided by what they want to read. Start by asking, "Shall we look at/read this book?"

Babies and toddlers have moods and prefer some things to others – just like us! Their level of interest in a book will depend on a number of things: what things they like, the time of day and whether they are hungry, tired or have a wet nappy! If your child seems disinterested, don't give up! Try again later, or in another way – or try another book. Just keep sharing books together.

Want more tips and ideas about reading to babies on your cellphone? Go to www.nalibali.mobi or find us on Mxit at <http://mxitapp.com/nalibali>.



Reading club tip #8

Celebrate the children's writing by asking them to read their stories or poems aloud to other club members. If you can, also display their writing so that club members can read it at their leisure!

Icebo lesi-8 leklabhu yokufunda

Bhiyozela ukubhala kwabantwana ngokubacela ukuba bafundele ngokuvakalayo amanye amalungu eklabhu yokufunda amabali okanye imibongo yabo. Ukuba unakho, beka ekuhlени oko bakubhalileyo ukuze amalungu eklabhu yokufunda akwazi ukukufunda oko ngexesha labo lokuzonwabela!

Iincwadi kunye neentsana

Ukususela ekuzalweni ukuya kwiminyaka emithathu, kuninzi okufundwa ngabantwana ngokuphathelele kulwimi – nokuba bona abathethi kakhulu! Ngoko ke, okukhona ubafundela amabali amaninzi neencwadi, kokukhona bafunda ulwimi kakhulu.

Akukho ndlela ilungileyo okanye engalunganga yokusebenzisa iincwadi kunye neentsana nabantwana abasabhadazayo. Okubalulekileyo kukonwabela ixesha enilichitha nikunye, kwakunye nokulandela isikhokelo abasinikayo ngokuphathelele kwisigqibo sokuba yintoni na eninokuyizama elandelayo.

- Iintsana kunye nabantwana abasabhadazayo bayakuthanda ukudlala. Yibani nexesha elininzi lokuzipholela neencwadi kwaye ufunde ezona ncwadi zonwatyelwayo ngabantwana bakho, uziphindaphinde!
- Nangona unokufunda naphi na, kodwa okona kungcono kukuba uziphumelele, uhlale mfumamfuma, usingathe umntwana wakho, okanye ahlale ecaleni kwakho xa nisabelana ngeencwadi.

- Akukhathaliseki nokuba ufunde ixesha elingakanani – kwaye awunyanzelekanga ukuba uyigqibe incwadi! Ningabelana ngencwadi ixesha elifutshane okanye elide kangangoko nifuna.
- Zinike ixesha iintsana kunye nabantwana abasabhadazayo ukuze bazijongele iincwadi ngokwabo. Iincwadi ezenziwe ngephepha elibukhadibhodi zineekona ezingqukuva ukuze zingamenzakalisi umntwana wakho kwaye zenziwe ngokukhethekileyo ukuze zingabi nabungozi nokuba bathe baziluma, bazibetha okanye baziwisa!
- Ukuthetha nabantwana bakho malunga nemifanekiso, iingqikelelo kunye nokwenzekayo encwadini kubaluleke njengokufunda amagama akwelo phepha. Babuze ukuba bacinga ntoni na, uze nawe utsho ukuba ucinga ntoni na – oko kunika isikhokelo sokuchubelana ngeencwadi.
- Yimamele ngobunono into ethethwa ngumntwana wakho ze unike impendulo. Oku kwenza incoko namava enabelana ngawo kunike umdla kuni nobabini. Kusekwanceda nokukhulisa ulwimi lomntwana wakho, ukuzithemba kwakhe kunye nokuzixabisa.

- Nika abantwana bakho ithuba lokuzikhethelela iincwadi uze ukhokelwe kukuba bafuna ukufunda ntoni na. Qala ngokubuza umbuzo othi, "Singayibuka/singayifunda le ncwadi?"

Iintsana nabantwana abasabhadazayo banezimo zeengqondo ezohlukileyo kwaye abanye bakhetha izinto ezahlukileyo kunezinye – ngokufanayo nje nathi! Iqondo lomdla wabo encwadini liya kuxhomekeka kwizinto eziliqela: izinto abazithandayo, lelaphi ixesha lemini okanye ingaba balambile okanye bahluthi, badiniwe okanye bamanzi kusini na! Ukuba umntwana wakho akabonakalisi mdla, musa ukunikhezela! Zama kwakhona emva kwexeshana, okanye uzame ngenye indlela – okanye uzame enye incwadi. Hlalani nisabelana ngeencwadi rhoqo.

Ufuna ezinye iingcebiso malunga nokufundela iintsana eseluleni yakho? Yiya ku-www.nalibali.mobi okanye sifumane kuMxit ku-<http://mxitapp.com/nalibali>.



Drive your imagination

Read to me.
Never too early. Never too late.
Ndifundele. Awukashiywa lixesha.
Lingasokuze likushiye nanini na.





Story stars

A pram jam



Once a week, the caregivers of babies and toddlers living in Sea Point bring them to the library for a meeting of the Pram Jam Project. Roni Snitcher is a children's librarian and storyteller who started the project in 2007 because she wanted to inspire children to love stories the way she does – passionately. Nalibali spoke to Roni about the project and sharing stories with young children.

What happens at a "pram jam"?

Our sessions are very active! There's lots of singing, dancing, shouting and clapping. We sing a variety of children's nursery rhymes and songs in as many languages as possible. Then I read some stories. I want the Pram Jam experience to be for everyone, not just the children!

How old are the children?

Some of them are only a few months old. This may seem very young, but it is never too early to start telling stories to children. Of course, it is never too late to start, but it is hard to catch up what you have missed.

Why do you think the adults enjoy coming?

It is fun and safe. It is an opportunity to meet people. It is a chance to enjoy the blessings that books can bring!

How do you grab your audience's attention?

I choose books which are really good for reading aloud and when I'm reading aloud, I hold the book so I can read and my listeners can see the pictures at the same time. Sometimes I dress up and other times I use puppets.

What are some of your favourite stories?

The Sneetches by Dr Seuss and fairytales – I love, love, love, love fairy tales and always have!

How can ordinary South Africans help create a reading nation?

Help in any little way you can. It all counts! Be at your local library when children come out of school. Some children cannot read or write, and many have slipped through the cracks. The library staff can show you how to help them.

Pic courtesy of the Pram Jam Project



Iimbalasane zamabali

iPram Jam

Rhoqo kanye ngeveki, iimpelesi zeentsana nabantwana abasabhadazayo ezihlala eSea Point zibazisa kwithala leencwadi, entlanganisweni yeProjekthi yePram Jam. URoni Snitcher ngusothala wabantwana kunye nombalisi wamabali owaqala le projekthi ngowama-2007, kuba wayefuna ukuvuselela abantwana ukuba bathande amabali kanye ngolu hlobo awathanda ngalo yena – bangaziva ngamabali. UNalibali uthethe noRoni malunga nale projekthi kunye nokwabelana ngamabali nabantwana abancinane.

Kwenzeka ntoni "kwipram jam"?

Iindibano zethu zizele ziintshukumo! Siyacula, sidanise, sikhwaze size siqhwebwe. Sicula iindidi ezohlukileyo zezicengcelezo kunye neengoma ngeelwimi ezininzi kangangoko sinakho. Emva koko ndifunda amabali athile. Ndifuna iPram Jam ibe yeyomntu wonke, hayi abantwana nje kuphela!

Badala kangakanani abantwana?

Abanye babo baneenyanga ezimbalwa nje kuphela ubudala. Bangakhangeleka bebancinane kakhulu, kodwa akuzange kwaphambi kwexesha ukuqalisa ukubalisela abantwana amabali. Kananjalo, alisoze likushiye ixesha lokuba ungaqalisa, kodwa kunzima ukuleqa nokufumana oko ukuphosileyo.

Ucinga ukuba kutheni abantu abadala bekonwabela ukuza apha?

Kumnandi kwaye bakhuselekile. Lithuba lokudibana nabanye abantu. Ikwalthuba lokuzonwabisa ngeentsikelelo iincwadi ezinokuzizisa!

Uwutsala njani umdla wabakuphulaphuleyo?

Ndikhetha iincwadi ezimnandi nezinika umdla xa zifundwa ngokuvakalayo kwaye xa ndifunda ngokuvakalayo, incwadi ndiyibamba ngohlobo olwenza ndikwazi ukufunda, baze nabaphulaphuli bam bakwazi ukubona imifanekiso, ngaxeshanye. Ngamanye amaxesha ndiye ndinxibe ngokuhambelana nebalali okanye ndisebenzise iphaphethi.

Ngawaphi amanye amabali owathanda kakhulu?

I-*The Sneetches* ngokubalwe nguDr Seuss kunye neentsomi – ndizithanda kakhulu iintsomi kwaye kudala ndazithanda!

Bangancedisa njani abemi baseMzantsi Afrika ukwakha isizwe esifundayo?

Nceda ngayo nayiphi na indlela onakho ngayo. Naluphi na uncedo luyadingeka! Yiba kwithala lakho leencwadi xa abantwana bevela esikolweni. Abanye abantwana abakwazi ukufunda nokubhala, kwaye baninzi abangacolekanga ncam ngokubhekiselele ekufundeni nasekubhaleni. Abasebenzi bethala leencwadi bayakukubonisa ukuba ungabanceda njani na.

Across the country, individuals and organisations are finding ways to make reading and writing part of children's daily lives. To say thank you, our featured Story Stars will receive meal vouchers* courtesy of Wimpy to enjoy with the children in whose lives they are making a difference. To nominate a Story Star, visit www.nalibali.org/story-stars.




* For terms and conditions that apply, go to www.nalibali.org/story-stars

Kulo lonke ilizwe, abantu nemibutho bafumana iindlela zokwenza ukufunda nokubhala inxalenye yobomi bemihla ngemihla babantwana. Ukubabulela, iimbalasane zamaBali zethu ekubhalwe ngazo ziza kufumana iivawutsha zokutya* ezizunikwa ngembeko nangoncedo lwabakwaWimpy ukuze bazonwabele nabantwana abenza umahluko ebomini babo. Ukonyula imbalasane yamabali, ndwendwela ku-www.nalibali.org/story-stars.

* Ukufumanisa imimiselo nemiqathango esetyenziswayo, yiya ku-www.nalibali.org/story-stars


Create your own mini-book Zenzele eyakho incwadana encinane

1. Take out pages 3 to 6 of this supplement.
 2. Fold it in half along the black dotted line.
 3. Fold it in half again.
 4. Cut along the red dotted lines.
1. Thabatha amaphepha ama-3 ukuya kwisi-6 kolu hlelo.
 2. Wasonge esiphakathini kumgca wamachaphaza amnyama.
 3. Phinda uwasonge esiphakathini kwakhona.
 4. Sika kwimigca yamachaphaza abomvu.




... elinye icala lawo lalikhude kakhulu.

... the other end was far away.



Utuff wabona umsila.
Wawukutshane, kodwa ...

Tuft saw a tail. It was near, but ...



About the author


Tuft finds a pet is part of a series of books by Wendy Hartmann.

Wendy, who has had more than 40 children's books published, lives in Table View. Apart from writing, she also paints.


In 2007 her book *Nina and Little Duck* was awarded the coveted M.E.R. Prize for illustrated children's books.

Her book *In a House, in a House* was on the shortlist for the 2010 M.E.R. Prize and *Just Sisi* won the 2011 M.E.R. Prize for best illustrated children's book.

Sisi Goes to School, published by Human & Rousseau, is her latest book and will be in bookstores from September 2013.



Nal'ibali is a national reading-for-enjoyment campaign to spark children's potential through storytelling and reading. For more information, visit www.nalibali.org or www.nalibali.mobi



INal'ibali liphulo likazwelonke lokufundela ukozonwabisa nokuvuselela umdla ebantwaneni ngokubalisa amabali nokufunda. Ngeenkukacha ezithe vetshe, ndwendwela ku-www.nalibali.org okanye ku-www.nalibali.mobi

Tuft finds a pet
UTuft ufumana
isilwanyana-
qabane




Wendy Hartmann



Fold


... okanye xa sikude."

... or when it is far away."




Fold

He found a pretty python. The python looked very sad. Watumana inamba entle. Le namba yayikhangeleka ilusizi.



"Hello, Tuft," said the penguin. "Do you like my pet?"

"Molo, Tuft," kutsho unombombiya. "Ingaba uyasithanda isilwanyana-qabane sam?"




Tuft hugged the python. "I shall call you Patch," Tuft said. "Patch, my very own pet python."


UTuft wayanga inamba. "Ndiza kukuthiya igama lokuba unguPatch," watsho uTuft. "UPatch, inamba yam esilwanyana-qabane sam endisithandayo."

Fold 4


"Hello," said Tuff. "Why are you crying?"
"Molo," watsho uTuff. "Ulilela ntoni?"



"It must be a very special pet. A pet I can see when it is near ...
"Kufuneka sibe sisilwanyana-qabane esikhetheke kakhulu. Kufuneka ndikwazi ukusibona kakhule xa sikufutshane ...





The python smiled.
"I would love to be your pet."
Inamba yancuma.
"Ndingakuvuyela kakhulu ukuba sisilwanyana-qabane sakho."



"I wish I had a pet," said Tuff sadly.
"Akwaba nam bendinesilwanyana-qabane," watsho uTuff elusizi.

... okanye sibe sincinane kakhulu."



... or too small."



"But it must not be too big ...

"Kodwa akufuneki sibe sikhulu kakhulu ...

"I am so lonely," said the python.
"I want to belong to someone."
"Ndililo," yatsho inamba.
"Ndituna ukuba yinamba
yomntu othile."



Tuft dried the python's tears.
"Please will you belong to me? I have been looking for a special pet," said Tuft.

UTuft wazisula iinyembezi zenamba.
"Ungandinceda ube yinamba yam? Kudala ndikhangela isilwanyana-qabane sam esikhethekileyo," watsho uTuft.

Get story active!


Here are some ideas to try out as you read *Tuft finds a pet* with your children. Draw your children's attention to the details in the illustrations and the story by commenting on them or asking questions. For example:

- **page 2:** What is the penguin's pet? How do you think he feels about his pet?
- **page 4:** What kind of animal is that? Do you think it would make a good pet?
- **page 5:** What kind of animal is that? Do you think this one would make a good pet?
- **page 6:** What is Tuft doing? Have you ever looked through a magnifying glass? It makes things look much bigger than they really are!
- **page 7:** Look at what Tuft is doing! He's looking at the bird through binoculars. They make things that are far away look like they are really close by.
- **page 8:** Who do you think the tail belongs to? Let's read on and see.
- **page 9:** That looks like a very long and colourful tail!
- **pages 10 and 11:** What kind of animal is a python? Look how sad the python looks!
- **page 12:** Who do you belong to?
- **pages 14 and 15:** How do you think Patch and Tuft feel now?



Can you help Tuft get to Patch?

Ungamnceda uTuft afumane uPatch?



Yenza ibali linike umdla!

Nazi ezinye iingcebiso onokuzizama kunye nabantwana bakho njengokuba ufunda ibali elisihloko sithi, *UTuft ufumana isilwanyana-qabane*. Tsalela umdla wabantwana bakho kwiinkcukacha ezisemifanekisweni kunye nasebalini ngokuthi wenze amagqabantshintshi ngokubhekiselele kuzo okanye ubuze imibuzo. Umzekelo:

- **ephepheni lesi-2:** Yintoni isilwanyana-qabane sikanombombiya? Ucinga ukuba uziva njani ngesi silwanyana-qabane sakhe?
- **ephepheni lesi-4:** Silwanyana sini esi? Ucinga ukuba esi silwanyana singasilwanyana-qabane esilungileyo?
- **ephepheni lesi-5:** Silwanyana sini esi? Ucinga ukuba esi sona singenza isilwanyana-qabane esilungileyo?
- **ephepheni lesi-6:** Wenza ntoni uTuft? Wakhe wajonga kwiglasisi esisibonakhulu? Yenza izinto zikhangeleke zinkulu kakhulu kunokuba zibonakala ngeliso lenyama!
- **ephepheni lesi-7:** Jonga ukuba wenza ntoni na uTuft? Ujonge intaka ngomabonakude. Benza izinto ezikude zikhangeleke ngathi zikufutshane kakhulu.
- **ephepheni lesi-8:** Ucinga ukuba ngokabani lo msila? Masifunde size sive ukuba ngokabani na.
- **ephepheni le-9:** Ukhangeleka ngathi ngumsila omde kakhulu kwaye umibalabala!
- **ephepheni le-10 nele-11:** Inamba luhlobo luni lwesilwanyana? Khawujonge indlela ekhangeleka ilusizi ngayo inamba!
- **ephepheni le-12:** Ingaba ungokabani wena?
- **ephepheni le-14 nele-15:** Ucinga ukuba uPatch noTuft baziva njani ngoku?

How well do you know the Nal'ibali characters?

Do you know who the youngest members of the Nal'ibali family are? Yes, that's right – Dintle and Mbali. Here are a few facts about them!

Ubazi kakuhle kangakanani abalinganiswa beNal'ibali?

Ingaba uyawazi ukuba ngoobani awona malungu osapho lweNal'ibali mancane ngokweminyaka? Ewe, kunjalo – nguDintle noMbali. Nanga amanqakwana ngabo!



Dintle

Age: 9 months
Older brother: Afrika
Speaks: Sesotho
Likes books about animals and babies.

UDintle

Ubudala: iinyanga ezili-9
Umntakwabo omdala: Afrika
Uthetha: iSesotho
Uthanda iincwadi ezimalunga nezilwanyana neentsana.

Mbali

Age: 2 years
Older brother: Neo
Speaks: Zulu
Likes books with nursery rhymes in them.

UMbali

Ubudala: iminyaka emi-2
Umntakwabo omdala: Neo
Uthetha: isiZulu
Uthanda iincwadi ezinezicengcelezo.



Story corner

Here is the first part of a story for you to read aloud or tell. It is about a little girl who loved mermaids.

The mermaid's purse (Part 1)

by Jude Daly

It was late when Nolitha eventually fell asleep, her head full of mermaids, seals and sailors. Outside stars twinkled and the African moon cast shadows on the dried out earth. Tomorrow she was going to the seaside for the very first time.

The journey seemed to take forever. Through brown hills folded into each other and over a craggy mountain pass. But then, at last, Nolitha saw the edge of the earth sink into the vast ocean.

Salt air rushed at Nolitha. Waves thundered. Seagulls squalled. Cormorants dive-bombed. It wasn't like that in her picture book! While Mama unpacked, Nolitha explored this new world where twirly-shelled sea snails burrowed into the wet sand and fish darted for shelter in rock pools.

Nolitha collected shells including mermaid's money, tuning into the sounds and smells of the ocean, as she made her way to a cluster of rocks. From the top of the rocks, Nolitha waved her "I'm okay" wave to Mama. Then she counted out her mermaid's money and day-dreamed about how she would spend it.

"Lunch time," shouted Mama.

How quickly the morning had gone! But, the sea air had made Nolitha very hungry and Mama's yellow corn bread and pickled fish sandwiches tasted so good.



Illustration by Magriet Brink
Umfanekiso nguMagriet Brink

Find out next week what happens at the beach after lunch.

Indawo yamabali

Nantsi inxalenye yebali onokuyifundela ngaphandle okanye uyibalise. Eli bali limalunga nentombazana encinane eyayithanda oomamlambo.

Isipaji sikamamlambo (Inxalenye 1)

nguJude Daly

Kwakusebusuku kakhulu ngexesha awabiwa ngalo bubuthongo uNolitha, entloko kuye kwakusazele oomamlambo, izinja zaselwandle kunye noomatiloshe. Phandle kwakuqhakraze iinkwenkwezi kwaye inyanga yaseAfrika yayinabise amathunzi kumhlaba owomileyo. Ngengomso wayezakuya elwandle okokuqala ebomini bakhe.

Uhambo lwavakala lulude kakhulu. Badlula kwiinduli ezibrawuni ezazenze ulundi baza badlula nakumajikojiko endlela esentabeni. Kodwa ke, ekugqibeleni, uNolitha wasibona isiphelo somhlaba nalapho utshona khona kulwandlekazi olukhulu.

Kwavakala umoya onetyuwa usiza kuNolitha. Amaza ayebetheka esenza isandi ngathi kuyaduduma. Amangabangaba ayephaphazela ekhala. Oogwidi babezizula ngezithongakazi emanzini. Encwadini yakhe yemifanekiso kwakungenje! Lo gama uMama wayekhupha izinto, uNolitha wazulazula ebuka eli lizwe litsha, apho iinkumba zaselwandle ezinamaqokobhe ajikojiko zazizifihla kwintlabathi emanzi, zize iintlanzi zibaleke zizimele kumadanyana aphantsi kwamatye.

UNolitha waqokelela oonokrwece kuquka nemali kamamlambo, wasele eguquka eba ngomnye wezandi namavumba aselwandle, njengokuba wayesondela kukrozo neengqumba zamatye. Emi phezulu ematyi wawangawangisa ngesandla esenzela uMama uphawu oluthi, "Ungahlupheki, akukho monakalo." Emva koko wabala imali yakhe kamamlambo waza wacinga ngendlela aza kuyichitha ngayo.

"Lixesha lesidlo sasemini," wakhwaza uMama.

Ayisaphela kwakamsinyane nje intsasa! Kodwa umoya waselwandle wawumlambise kakhulu uNolitha kwaye amaqebengwana kaMama awenziwe ngesonka sombona obomvu kunye nentlanzi enongwe bumuncwana ayemnandi kakhulu.

Funda kwiveki elandelayo ufumanise ukuba kwenzeka ntoni na elunxwemeni emva kwesidlo sasemini.

In your next Nal'ibali supplement:

- Find out about running small reading clubs
- Story Stars: A 17-year-old published author
- A mini-book, *Baby Monkey's bananas*
- The final part of the story, *The mermaid's purse*

Need more resources? Nal'ibali is here to help! Visit the resource section on www.nalibali.org for posters, bookmarks, checklists and tip sheets which are available in six South African languages! You can also find us on Facebook: www.facebook.com/nalibaliSA

Find us on your cellphone:
www.nalibali.mobi
Sifumane kwiselula yakho:
www.nalibali.mobi



Kuhlelo lwakho olulandelayo lweNal'ibali:

- Fumanisa malunga nokuqhuba iiklabhu zokufunda ezincinane.
- Iimbalasane zamabali: Umbhali osele eneencwadi ezishicilelweyo oneminyaka eli-17
- Incwadana encinane, *Iibhanana zoMntwana weNkawu*
- Inxalenye yokugqibela yebali elisihloko sithi, *Isipaji sikamamlambo*

Ufuna abanye oovimba? UNal'ibali ukho ukuze akuncede! Ndwendwela icandelo loovimba bethu kule dilesi: www.nalibali.org ukuze ufumane iiphosta, izalathisi zeencwadi, iitsheklisi namacwecwe ezikhokelo afumaneka ngeelwimi ezintandathu zaseMzantsi Afrika! Unakho nokusifumana kuFacebook kule dilesi: www.facebook.com/nalibaliSA

